



## Yinton u Gwayimbo lwe rente?

U Gwayimbo lwe rente yincoko eqhubekayo ngokuba abantu abasezantsi bangazikhusela njani, bazigcine benophahla phezu kwentloko zabo kwaye benokutya kwezinyanga zizayo.

Isisekelo solugwayimbo silula; ukuba asikwazi ukuphangela okanye ukusebenza, asikwazi kubhatala irente. Kunokuba uzimele wedwa unexhala lokuba uyibhatala njani I rente kwaye uzigcine unento yokutya, abahlali banga bumbana, kwaye bathathe inyathelo lokugcina imali yabo ye rente. Ngoba nokuba elixesha lokuzigcina eluvalelweni lungapheliswa emva kweziveki zintlanu, sisezaku thinteleka kuhambo. Ubom bethu abuzukubuyela esiqhelweni ngokukhawuleza, kwaye abantu abasesichengeni kwelilizwe lethu lunokungalingani ngokwe mali ngabona bazakucaphazeleka. Ukuba imali yakho ye rente uyayigcina namhlanje, ungakwazi ukuthenga ukutya ngomso ubungenokwazi ukuthenga. Leyo yenye yezinto ezibalulekileyo

onokuzenza ukuqinisekisa ukuba uzakuhlala unemali yokuthenga ukutya ukuya phambili, ukuba ubunayo imali kwasekuqaleni. U rhulumente unikisa ngemali kubantu, kodwa ayanelanga, ayithembakalanga, kwaye ulawulo lwayo lugwenxa, kengoku zeziphi iindlela esinokuqinisekisa ngazo ukuba sisonke sikhuselekile?

Kodwa ugwayimbo lwe rente ayisisombululo sayo yonke imicelimingeni. Nakuba si gxininisa ukuba ubudlelwane phakathi ko mninimhlaba kunye no mxusi bunengcinezelo, siyayiqonda abanye abantu bano bom obuxakekileyo, siyayiqonda ukuba kukho amaxa apho kunga khuseleka yaye kube lula ukuba umntu abhatala i rente xa enako. Simema wonke ubani osexhaleni lokubhatala irente ukuba athathe inxaxheba yaye akwazi ukuthatha izigqibo ezimlungeleyo, ngokuba umntu nguye onolwazi olupheleleyo ngobakhe ubom. Ngolugwayimbo lwe rente izinto ezibalulekileyo kukuba kungabikho mxusi ukhutshelwa ngaphandle yaye kungabikho bani uphathwa yindlala. Amakhulu amawaka abantu asesichengeni sokungakwazi ukuhlawula i rente kwinyanga ka May, yaye elonani lizakongezongezeka ngo June nakwii nyanga ezilandelayo. Iqela logwayimbo lwe rente lusekelwe kumbono wokuba xa subumbene sonke ngalonto, siyakukhuseleka sonke ngoku nakwi lixa elizayo.

Ugwayimbo lwe rente lwase Mzantsi Afrika aluphelelanga ekubeni lugwayimbo kuphela, luquka iinzame zokufaka izicelo ku rhulumente ukuba anyanzelise umiso lokubhatalwa kwe rente kunye nokukhutshwa kwaba nxusi ngelixesha lwesi sifo. Kwaye lukwafaka nezicelo kwi Banka naku rhulumente ukuba kumiswe ukutsalwa kwemali ye bondhi ngaphandle kokongezwa kwenzala ngelixesha lesi sifo, kwaye ikwasisicelo ku rhulumente ukuba ahlise amaxabiso kunye nerhafu. Lena yinqubo enengcinga ezininzi enjongo yazo ikukujongana neenkalo zonke zobumbano. Kodwa awunakulindela kuthi ukuba siwenze sodwa lomsebenzi, kufuneka sincedisane ngoba sixhomekeke kumntu wonke kwezi nzame.

## Ungancedisa ngantoni wena:

Zifundise ngokuba ugwayimbo lwe rente lusebenza njani! Kwi website yethu kunye nakwi phepha lethu lika Facebook (sinalo ne phepha lika Twitter kunye no Instagram) kukho izixhobo ezibalulekileyo, apho unokufunda khona ngemithetho yoqhawulo sivumelwano phakathi ko mninimhlaba kunye nomnxusi, unako ukufumana ne mbalelwano onokuyinika umninimhlaba wakho, unako nokwenza unxibelelwano kunye nabanye abantu abakwimeko efana neyakho.

Ukuba ungomnye wabanxusi abaphantsi ko mninimhlaba omnye, unethamsanqa, kuba kulula ukuphumelela ugwayimbo lwe rente ngalondlela. Thetha kunye nabanye abanxusi ukuze bazimanye nolu gwayimbo lwe rente.

Bumbanani ngokuphephileyo nilandele imiqathango yokugcina I "social distancing" kwindawo enihleli kuzo. Fundisa abanye ngo gwayimbo lwe rente ubenze bazimanye kunye nalo.

Qhagamshelana:

Igama:

Umnxeba:

[rentstrikesouthafrica.org](http://rentstrikesouthafrica.org)